# UKUBALULEKA KOKUTHENA AMATAKANE AZINKUNZI

## (Importance of castrating ram lambs)

NWGA Production Advisory Lwando Gaqazele, 073 638 0540 / email : gaqazelell@gmail.com

---



Phambi kokuba ndiqale ngalembalelwano, mandikhumbuze ngokubaluleka kwalamatakane azinkunzi kuthi singamafama. Lamatakane ayimbewu yokukhulisa imihlambi yethu ukubheka phambili ze sibenegusha ezininzi, kodwa ubuninzi begusha zingenaboya bexabiso kufana nokudlalisa kuba asoze sikwazi ufumana imali esifanele ukiyifumana ngegusha zethu.




Lembalelwano ijongene ncakasana nalamafama asezilalini asenegusha ezininzi ezinoboya oburholofu. Ukuthena amatakane azinkunzi kubalulekile nangona ndithe xa ndiqala ayimbewu yokukhulisa imihlambi, lamatakane aqala ubayimbewu xa onina noyise bengenabo obuboya burholofu lonto yenze umhlambi womfama ibengulo unoboya bodidi obenza imali emarikeni eBhayi. Eyonanto yenza ndithi kubalulekile ivela ekubeni amafama akuthi athi akuthenga inkunzi yodidi ikhwele

imazi namathokazi analorholofu amatakane azovela apho anaye lorholofu. Lorholofu ukwelitakane ngulo uzothi xa umfama eligcinile elitakane aphinde abuyele kumatakane azozalwa lelitakane. Ukukhupha urholofu emhlambini ngenkunzi yodidi kuthatha izizukulwana ezihlanu zokuzalwa kwamatakane ungakhange usebenzise nelinye itakane eliyinkunzi elizalwa zimazi nangamathokazi. Lento ithi mfama ukuze sifike kumgangatho wokufuya igusha zodidi nezisemgangathweni masithene amatakane ethu ukulwa nalorholofu usithathela imali.



Ubuhle bokuthena lamatakane bukhona nabo kuba emveni koba lamatakane etheniwe kuvela inkabi ezi siye sithengise kuzo ukuze sibenemali yokuthenga amayeza wegusha, ukondla intsaphonzethu nokusa abantwana esikolweni. Ezinkabi emveni kokuba zithengisiwe lonto ithi incedise nasekulondolozeni amadlelo kuba imihlambi iyehla kancinci. Kwakukwehla imihlambi kuvuleke amadlelo igusha ngexesha lobunzima ebusika zibanayo into yokutya ukuze zingabhityi, kaloku ebusika kungelixesha igusha zethu zinamatakane isininzi sethu.





Ukugqibelisa kemafama akuthi ukuthena amatakane kubalulekile kuba kusingceda kwinto ezininzi ezisiphathela imali ukuze sikwazi ukhula ebufameni ngokukwazi ukuthengela imihlambi yethu yegusha amayeza nezidlo zokuncedisa xa kunzima ngakumbi ebusika. Ukuthena lamatakane kusiphathela inkabi zokwazi ukuthengisa.



